# ISIMEMELELO SOKUTYUMBA IJAJI EYINTLOKO ELANDELAYO YERIPHABLIKI YOMZANTSI AFRIKA

## Intshayelelo

1. Ixesha leJaji eyiNtloko yangoku, uJaji Mogoeng Mogoeng, lifikelela esiphelweni ngomhla we-11 kweyeDwarha 2021

2. Icandelo le-174(3) loMgaqo-siseko ligunyazisa uMongameli ukuba atyumbe iJaji eyiNtloko elandelayo emva kokubonisana neKhomishini yeeNkonzo zobuLungisa kunye neenkokheli zamaqela ezopolitiko amelwe kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe.

3. NgokoMgaqo-siseko, iJaji eyiNtloko "*iyintloko yecandelo leenkundla kwaye isebenzisa uxanduva lokumisela nokubeka iliso kwimimiselo nemigangatho yokwenza imisebenzi yezobulungisa yazo zonke iinkundla*".

4. IJaji eyiNtloko inoxanduva lokukhokela ekuvelisweni kobunzululwazi bemithetho njengoko isongamela iinkqubo zeNkundla yoMgaqo-siseko. Ikwanoxanduva lokumisela nokongamela ukugcinwa kwemigangatho yokwenza imisebenzi yezobulungisa yeenkundla zethu, nokuchophela iKhomishini yeeNkonzo zobuLungisa.

## Inkqubo evulelekileyo ebandakanya uluntu

5. Ukukhuthaza ukungafihlakali nokwenza ukuba uluntu luthathe inxaxheba, uMongameli Ramaphosa uthathe isigqibo sokuba abemmi boMzantsi Afrika kufuneka bamenywe ukuba bathathe inxaxheba ekukhetheni iJaji eyiNtloko elandelayo.

6. UMongameli ngoko ke **umemelela ukutyunjwa kwabagqatswa** beJaji eyiNtloko. Siyakholelwa ukuba iJaji eyiNtloko kufuneka izuze imbeko nenkxaso kumalungu omsebenzi avela kuwo, nakuluntu ngokubanzi.

7. Ukutyunjwa kufuneka kubeke izizathu zokuba kutheni umntu otyunjiweyo ethathwa njengofanelekileyo ukuba abeyiJaji eyiNtloko elandelayo, amava akhe njengegqwetha, kuquka namava okuba yijaji, nanjenge nkokeli.

8. Ukongeza, ukutyunjwa kufuneka kukhatshwe kukuvunywa nayinkxaso yequmrhu elinye lamagqwetha, umbutho ongekho phantsi kukarhulumente osebenza kwicandelo lamalungelo oluntu, okanye kwelinye icandelo lezomthetho.

9. Uluhlu lwabantu abatyunjiweyo luza kubhengezwa esidlangalaleni.

**Igqiza lokubeka abagqatswa kuluhlu lwabagqatswa abakhethiweyo**

10. Emva kokufumana amagama abo batyunjiweyo, igqiza labantu abahloniphekileyo abanamava afanelekileyo liza kubeka phakathi kwabagqatswa abathathu kunye nabahlanu kuluhlu lwabagqatswa abakhethiweyo. Igqiza liza kuthatha isigqibo seyona ndlela ifanelekileyo, evulelekileyo, engafihlakalanga nekhawulezayo yokuqulunqa uluhlu lwabagqatswa abakhethiweyo.

11. Eli gqiza liza kuquka owayesakuba yiJaji yeNkundla yezoBulungisa yaMazwe ngaMazwe kunye noMkhomishinala oPhezulu weZizwe eziManyeneyo wamaLungelo oluNtu, u-Navi Pillay njengosihlalo, uMphathiswa wezoBulungisa neeNkonzo zoLuleko, u-Ronald Lamola, owayesakuba nguMphathiswa wezoBulungisa u-Jeff Radebe, owayesakuba nguMkhuseli Woluntu Igqwetha uThuli Madonsela, ongusihlalo obambiseneyo weBhunga leSizwe likaGawulayo laseMzantsi Afrika, Nksz Mmapaseka Steve Letsike, kunye noNjingalwazi Wezomthetho kwiSikolo sezoMthetho seYunivesithi yase-Howard, uNjingalwazi Ziyad Motala.

12. UMongameli uza kuthatha isigqibo sokuba ngabaphi abagqatswa abakuluhlu lwabagqatswa abakhethiweyo ababekwe phambi kwakhe ligqiza labantu abahloniphekileyo ukuba abathumele kwiKhomishini yeeNkonzo zobuLungisa nakwiinkokheli zamaqela ezopolitiko ezimelweyo kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe ukuze kuboniswane.

13. Onke amagama atyunjiweyo enawo onke amaxwebhu axhasayo kufuneka athunyelwe ku-***angeline@presidency.gov.za*** naku-***cjnominations@gcis.gov.za*** ngomhla woku-1 kweyeDwarha 2021. Kufuneka aquke:

    13.1. Incwadi yokutyunjwa, equka iinkcukacha zoqhagamshelwano zomntu otyumba umgqatswa;
    13.2. Ukwamkelwa kokutyunjwa komntu otyunjiweyo kunye neenkcukacha zabo zoqhagamshelwano;
    13.3. Iincwadi zenkxaso zokutyunjwa, kuquka iinkcukacha zoqhagamshelwano zabantu okanye amaziko axhasa ukutyunjwa, kuquka incwadi enye yenkxaso ubuncinane evela kwiqumrhu elinye lamagqwetha, umbutho ongekho phantsi kukarhulumente osebenza kwicandelo lamalungelo oluntu, okanye kwelinye icandelo lezomthetho ; kunye
    13.4. Nawaphi na amaxwebhu ongezelelweyo abonwa efanelekile ngumntu otyumba umgqatswa ekufuneka ukuba abeyi Jaji eyiNtloko.

14. Onke amagama atyunjiweyo enamaxwebhu axhasayo (aza kugcinelwa iinkcukacha zobuqu) aza kubhengezwa esidlangalaleni kwiwebhusayithi ye-Ofisi kaMongameli ngomhla we-4 kweyeDwarha 2021.

15. Naziphina iinkcaso kubantu abatyunjiweyo kuza kufuneka ukuba zibenezizathu ezibhaliweyo kwaye zithunyelwe kule dilesi ye-imeyili ingentla ngoLwesihlanu womhla we-15 kweyeDwarha 2021.

16. Igqiza liza kucelwa ukuba linike ingxelo kuMongameli ngoLwesihlanu womhla wama-29 kweyeDwarha 2021. Emva koko yena uzakubonisana neKhomishini yeeNkonzo zobuLungisa kunye neenkokheli zamaqela ezopolitiko amelwe kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe.